Isalathiso: 20171122-7238
12/2/2/3/38
Imibuzo: G van Wyk

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCG 0018/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zeCandelo loKunika iNkxaso kwiKhariityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli beSigaba seSiseko, kuBacebisi beZifundo beSigaba seSiseko, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente nezezikolo ezizimeleyo ezikhethiweyo

Isihloko: Iprogram yoKuqaliswa ngokuMana kuSongezwa ngokwamaBakala iiLwimi zesiNtu (*Incremental Introduction of African Languages (IIAL*) ngo-2018

1. Le ngcaciso imfutshane ilandela iNgcaciso eMfutshane yeKharityhulam 0012/2017, eyakhutshwa nge-12 Julayi 2017, apho kwakucelwa izikolo esingazifundisiyo isiXhosa uLwimi lwesiBini oLongezelelweyo kwiSigaba seSiseko (*FP)* nezikolo ezisifundisayo isiXhosa njengesifundo esenziwa emva kwezifundo ezimiselweyo, ukuba ziyiqalise ngokuzithandela iprogram ye-*IIAL* kwiBakala 1 ukususela ngo-2018 ngokusebenzisa ootitshala besiNgesi/besi-Afrikansi, bexhaswa ngezibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa ezizidijithali ezicacileyo nezinengcaciso ebanzi (*detailed and clear digital learning and teaching support material (LTSM)).*

2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe iWCED) linochulumanco ngokuqaphela ukuba zimalunga ne-236 izikolo eziphendulileyo kwesi simemo singentla, nezazikho kwiiMbizo ze-*IIAL* nezakuchazayo ukuzimisela kwazo kule program ukususela kwiKota 2 ka-2018. Ilisti yezikolo iqhotyoshelwe **(kwisiHlomelo A).**

3. ISebe i*WCED* kungokunje lisingethe inkqubo yokuthenga ii*LTSM* edijithali (*digital LTSM*) ukunika inkxaso ootitshala beBakala 1 njengesibonelelo esongezelelweyo kwi-*Toolkits* zeSebe leMfundo esiSiseko eziya kubonelelwa.

4. Ukwenzela ukulungiselela ootitshala beBakala 1 xa beqalisa le program kwiKota 2 ka-2018, iSebe i*WCED* liya kubonelela ngoomasifundisane phambi kokuqala kweKota 2. Bonke ootitshala beBakala 1 neentloko zezifundo, bamele ukuya kumasifundisane opheleleyo noya kuba ziintsuku ezimbini ezizeleyo neeseshoni zezikolo ezisebenzisanayo zeeyure ezimbini.

5. Le mihla ilandelayo icwangciselwe uqeqesho lootitshala:

Isithili	Uqeqesho lweentsuku ezi-2	Iiseshoni zeeyure ezi-2
Metro North	17 & 24 Matshi 2018	23 Matshi 2018
Metro Central	17 & 24 Matshi 2018	27 Matshi 2018
Metro South	17 & 24 Matshi 2018	20 Matshi 2018
Metro East	17 & 24 Matshi 2018	19 & 20 Matshi 2018
West Coast	17 & 24 Matshi 2018	28 Matshi 2018
Cape Winelands	17 & 24 Matshi 2018	26 Matshi 2018
Overberg	17 & 24 Matshi 2018	27 Matshi 2018
Eden and Central Karoo	04 & 05 Apreli 2018	06 Apreli 2018

6. Ii-ofisi zezithili ziya kwazisa izikolo ezikuluhlu **(kwisiHlomelo A)** ngeenkcukacha ezithe ngqo zendawo nangeprogram engaphelanga uFebhuwari 2018.

7. Ziyacelwa iinqununu ukuba zizalise isiliphu sempendulo **(isiHlomelo B)** ngokuzalisa iinkcukacha zabameli. Masibuyiselwe isiHlomelo yakuzaliswa le ngcaciso kumququzeleli wesithili wesigaba sesiseko ochaphazelekayo ungadlulanga owe-26 Januwari 2018.

8. Ukuba unayo nayiphi na imibuzo, qhagamshelana nomququzeleli wesigaba sesiseko ochaphazelekayo kwi-ofisi yesithili. Iinkcukacha zala magosa zikule theyibhili ingezantsi:

Isithili	Umququzeleli	Iinombolo zoqhagamshe-lwano	I-imeyili
Metro North	Jennifer Daniels	021 938 3044/ 084 388 5920	Jennifer.Daniels@westerncape.gov.za
Metro Central	Juanita van der Merwe	021 514 6939/ 079 944 7536	Juanita.VanderMerwe@westerncape.gov.za
Metro South	Lorraine Bailey	021 370 2041/ 072 405 7825	Lorraine.Bailey@westerncape.gov.za
Metro East	Marie Engelbrecht	021 900 7160/ 081 271 1153	Marie.Engelbrecht@westerncape.gov.za
West Coast	Ursula Esau	021 860 1569/ 083 707 2353	Ursula.Esau@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Diana Niemand	023 348 4614/ 083 234 3202	Diana.Niemand@westerncape.gov.za
Overberg	Lynn le Grange	028 214 7378/ 082 562 7222	Lynn.LeGrange@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	Nelmariél Kriel	044 803 8336/ 082 374 2961	Cornelie.Kriel@westerncape.gov.za

9. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala beBakala 1 abachaphazelekayo neekomiti zolawulo zezikolo zabo ukuze zikuthathele ingqalelo.

10. Iya kuthakazelelwa ngokukhulu inkxaso yenu kule program ibaluleke kangaka iz neenguqu.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
ISEKELA MLAWULI-JIKELELE LOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-12-06